# Kuguzulwa Okumkani !
# Kumiswe Okumkani ! !

## (General Smuts—General Hertzog).

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Yavuka ! Inyat' emazants'e Africa
Ekuzwę ukuhlaba ingekahlabi
Ovuke emini akabonanganto
Engay' ibonanga lonamba icombuluka.

Utinina u Mprofeti u Daniel
Ukususela kwisahluko sesibini
De kuye kwisahluko sesitandatu
Kuye u Kumkani u Nebukadnetsar,

Uyehova uguzula Okumkani
Amise kanjalo abanye Okumkani
Akakatali noba ngaba ngendawo
Izenzo zake zingummangaliso.

Utsho ke ! Umprofeti u Daniel
Nam ndiyamngqinela kwangoku njalo
Pezu kwetu kuguzulwa Okumkani
Kumiswe kanjako abanye Okumkani.

Naku ke ! Osenyangweni Unegunya
Ebukumkanini bonke babantu
Ebunika atauda ukumnika
No nanko.nanko.naxa bengayi kona.

Wazidala into zonke Yena Yedwa
Akabuza na emntwini xa Ezenza
Ukuba pantsi kwetu kwakudalwe
Nguye
Wabapakamisa ! Awabapakamisa !

Kuguzulwa pezu kwetu Okumkani
Kumiswe kanjalo abanye Okumkani
Wod' uzibandakanye nawe Afrika
Uye kwezomini ulilela zona.

Gqala ! Ihambo ye Langa ne Nyanga
Nengximbane eyaxelwa ngu Ntsikana
Y-ntshutshiso eyarola ngamadolo
Y-za nobugqi yela—ngela Mampondo.

Yadunyelwa buxhonti bezi Bhalo
Yati lahlani eyenu imibh-lo
Yaduda inetemba lokutulala
Indlovu edla Izizwe kwesika Mhlė.

Vuka ! Uzibandakanye Afrika
Isinyabi sikwabusha izandla
Amadlagusha alala esotuka
Wanqikeka ! Umkoba nengcambu zawo.

Ngu Tixo ke Onokukunjulwa
I-to egoso eyinakululwa
Akuko nto i-tsha ngapantsi kwelanga
Leyo ikoyo ibikona kakade.

Safana salahla umbuso wakuti
Sagalel' emzini watshona owetu
Kwahlutw'amakaya kwahlutw' ubukosi
Sabona ngamehlo nendlebe zisiva.

Watsho ! Nongqause ntombi ka Mhla-
kaza
Qwalaselani emanzini Otwandle
Nokuva ukukonya kwe nkunzi ze-
nkomo
Zemka—ezobawo nobuti—kwazintuli

Camagu ni !